ISIKHOKELO
SESIFUNDO SESIKOLO
SESABATHA
SABANTU ABADALA

2 "YONDLA IZIMVU ZAM"
1 NO-2 PETROS

SEVENTH-DAY ADVENTIST CHURCH

Okuqulathiweyo

1	Umntu OnguPetros—Matshi 25–31	110
2	Ilifa Elingenakonakala—Apreli 1–7	118
3	Isibingeleli Esibukumkani—Apreli 8–14	126
4	Ulwalamano Lwasekuhlaleni—Apreli 15–21	134
5	Ukuphilela UKristu—Apreli 22–28	142
6	Ukuphatheka Kakubi Ngenxa KaKristu—Apreli 29–Meyi 5	150
7	Ubukhokeli Bomkhonzi—Meyi 6–12	160
8	UYesu Kwimibhalo KaPetros—Meyi 13–19	168
9	Yiba Ngulo Unguye—Meyi 20–26	176
10	Isiprofeto NesiBhalo—Meyi 27–Juni 2	184
11	Abafundisi Ababuxoki—Juni 3–9	292
12	Imini YeNkosi—Juni 10–16	200
13	Imixholo Ephambili ku-1 no-2 Petros—Juni 17–23	208

IOfisi Yabahleli:
12501 Old Columbia Pike,
Silver Spring, M D 20904

Ungabafumana naku:
www.absg.adventist.org

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Robert McIver

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-Crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press®:
Wendy Marcum
Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni:
Mpumelelo Iton Buwa

© 2017 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelaniswe, iguqulwe, yandiswe, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Ii-ofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference. U-"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne`logo' yelangatye ziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwi-General Conference.

Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yi-ofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists). Isikhokhelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehlola umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

Ukudlisa Izimvu

Ngenxa yokuba isifundo sethu kule kota singu-1 no-2 Petros, sifunda amazwi omntu owayenoYesu kumaxesha amaninzi abalulekileyo emsebenzini waKhe. UPetros wayekwa ngumntu owaba yinkokheli egqamileyo phakathi kwawona maKristu okuqala. Ezi nyaniso zizodwa zinokuzenza iileta zakhe ukuba zikufanele ukufundwa. Ukudlula apho, ezi leta zinayo nenye indawo enika umdla njengoko zazibhalelwa amabandla awayekumaxesha anenkathazo: ayejongene nentshutshiso evela ngaphandle kunye nengozi yabafundisi bobuxoki ababephuma ngaphakathi.

UPetros ulumkisa ukuba, phakathi kwezinto eziza kukhuthazwa ngaba bafundisi bobuxoki, yintandabuzo ngokubuya kwesibini kukaYesu. “Liphi nakaloku idinga lokufika kwakhe? Kuba kuseloko oobawo balalayo ukufa, izinto zonke zahlala zihleli zinjengokwasekuqalekeni kwendalo” (2 Pet. 3:4). Namhlanje, phantse amawaka amabini eminyaka emva koko, siyabazi ubunyaniso beso simangalo, akunjalo?

Ngaphandle kwesilumkiso sikaPetros ngabafundisi ababuxoki, imbulaleko efunyanwa ngamabandla ingumxholo athi rhoqo ebuyela kuwo. Le mbulaleko, uthi, ibonisa ukuphatheka kakubi kukaYesu, owathwala ngomzimba waKhe izono zethu ngexesha esifa emnqamlezweni (1 Pet. 2:24). Sekunjalo, iindaba ezilungileyo zezokuba, ukufa kukaYesu akuzisanga nto ingaphantsi kwenkululeko ekufeni okungunaphakade okubangwa sisono, kunye nobomi bobulungisa apha, ngoku, kwabo bathembela kuYe (1 Pet. 2:24).]

UPetros uthi, uYesu akanelanga kukufela izono zethu kuphela, kodwa uya kubuya eze emhlabeni ukuba azise ukugweba kukaThixo (2 Pet. 3:10–12). Ugxininisa into yokuba umba womgwebo umele ukuba neentsingiselo eziphathekayo ebomini bekholwa. Xa uYesu

ebuya, uya kutshabalalisa sonke isono alihlambulule ihlabathi ngomlilo (2 Pet. 3:7). Emva koko, amaKristu aya kuzuza ilifa uThixo aligcinele wona ezulwini (1 Pet. 1:4).

UPetros unamazwi anako ukwenzeka kwindlela amaKristu amele ukuphila ngayo. Okokuqala nokuphambili, amaKristu kufuneka athandane (1 Pet. 4:8). Uyiqoshelisa imbono yakhe ngokuthi: "Elokugqiba, cingani nto-nye nonke, velanani, thandanani njengabazalwana, yibani nemfesane kakhulu, yibani nobubele" (1 Pet. 3:8).

Iileta ezimbini zikaPetros zikukuvakalisa ngokushushu iindaba ezilungileyo, isigidimi esingumxholo wayo yonke iBhayibhile. Ukudlula apho, ukuba kukho umntu omele ukulwazi ubabalo lweNkosi olusindisayo, nguPetros. Kwalo Petros mnye, owathi ekuhleni nangokupheleleyo wayikhanyela iNkosi yakhe (nangezithuko), esithi, "Andimazi lo mntu" (Mat. 26:74), ikwa nguye lo kamva athi kuye uYesu, "Dlisa izimvu zam" (Yohane 21:17). Ezi leta zimbini zingumzekelo wokwenza kukaPetros kanye loo nto—ukudlisa izimvu zeNkosi.

Kanti ke, nayiphi indawo yoko kudlisa, iya kuquka inyaniso enkulu yosindiso ngokholo, umxholo lowo asebenza kunye naye, umpostile uPawulos, awayivakalisa ngamandla amakhulu. Le yinyaniso yobabalo lukaThixo. UPetros wayekwazi oku, kungekuphela ngokuthetha nje, okanye njengemfundiso, kodwa kuba wabubona ubunyaniso kunye namandla olo babalo kuye ngokwakhe.

Ngokubhala kukaMartin Luther kwingcaciso yakhe ngoPetros: "Ngako oko, le Leta kaPetros oNgcwele yenye yezona ncwadi zintle kakhulu kwiTestamente eNtsha, kwaye izindaba ezilungileyo eziyinyaniso nezinyulu. Kungokuba uPetrosa wenza le nto kanye yenziwa nguPawulos nabo bonke abavangeli kuba ubethelela imfundiso eyinyaniso yokholo, indlela esimnikwe ngayo uKristu, osusa izono zethu, asisindise."—*Commentary on the Epistles of Petros and Jude* (Grand Rapids: Kregel Publications, 1982), pp. 2, 3. UYesu waxelela uPetros ukuba makadlise izimvu zaKhe. Nathi siphakathi kwezo zimvu. Masidliswe.

URobert K. McIver wakhulela eNew Zealand kwaye usebenze ixesha elide lobizo lwakhe e-Avondale College, apho afundisa khona iBhayibhile nophando ngokomba weBhayibhile. Ungumbhali weencwadi eziliqela, eziquke uThe Four Faces of Jesus noBeyond the Da Vinci Code.